



ISICELO ESILUNGISELELWE UKUTHENGA IZIQINISEKISO ZOMBANE ONGENABUNGOZI KOKUSINGQONGILEYO
NCEDA USEBENZISE ONOBUMBA ABAKHULU KUPHELA ZE WENZE UPHAWU KWIIBHOKISI EZIFANELEKILEYO
UMENZI WESICELO KUFUNEKA ANGENISE IKOPI YESAZISI SAKHE/UXWEBHU LOBHALISO LWESHISHINI
NCEDA UQAPHELE INTO YOKUBA AMAXWEBHU ANGAZALISWANGA NGOKUPHELELEYO AKASAYI KWAMKELWA.

1. IINKCUKACHA ZOMENZI WESICELO

UMbutho Ngamnye

Inombolo yomahlulelane weshishini njengoko kuchaziwe kwi-akhawunti kamasipala (Ukuba ikho)

Inombolo ye-Akhawunti yesiVumelwano seeNkonzo zikaMasipala (Ukuba ikho)

Inombolo ye-Akhawunti yesiQinisekiso sesiVumelwano soMbane ongenabungozi kokusingqongileyo (Ukuba ikho)

Isihlonipho Mnu Nksk Nksz Gqr Mfu. Njing. Mhlekazi Ezinye

Igama lokuqala/igama lenkampani

Igama lesibini/Irhweba njenge

Ifani

Uhlobo lokuchazwa

Isazisi sase-SA Paspoti Inkampani Trasti

Inombolo yesazisi sase-SA okanye Inombolo yobhaliso lweshishini

Inombolo yemfono-mfono iKhowudi Inombolo

Inombolo yefeksi iKhowudi Inombolo

I-imeyile (ukuba ikho)

Idilesi yestrato

iKhowudi

Idilesi yeposi

iKhowudi

Inombolo yemfono-mfono Ikhawudi Inombolo

Inombolo yeselula (ukuba ikho) Inombolo

Isini Umntu oyindoda Umntu ongumfazi

Imbalelwano ngesiNgesi ngesiBhulu ngesiXhosa

2. UMNTU WOKUQHAGAMSHELANA (sisinyanzeliso ukuba umenzi wesicelo ngumbutho)

Isihlonipho Mnu Nksk Nksz Gqr Mfu. Njing. Mhlekazi Ezinye

Igama lokuqala

Ifani

Inombolo yemfono-mfono Ikhawudi Inombolo

I-imeyile (ukuba ikho)

Inombolo yeselula (ukuba ikho) Inombolo

3. IDILESI EKUZA KUTHUNYELWA KUYO INGXELO YESIQINISEKISO SOKUTHENGA UMBANE ONGENABUNGOZI KOKUSINGQONGILEYO

Igama lokuqala

Ifani

Idilesi yeposi

iKhowudi

4. ISICELO SESIQINISEKISO SOKUTHENGA UMBANE ONGENABUNGOZI KOKUSINGQONGILEYO

Ukuthenga okulungiselelweyo (kuba kanye) (phawula)

Ubungakanani beziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo eziza kuthengwa:

Rand i-kWh

Uthenga rhoqo (phawula)

Iqondo lokuthenga: Ngenyanga Ngekota Ngonyaka

Ezinye (chaza):

UMgangatho weZiqinisekiso zoMbane ongenabungozi kokuSingqongileyo oza kuthengwa kwisihlandlo ngasinye

i-kWh

kWhOkulingana nokuthenga umbane ngonyaka ongumlinganise we-

i-kWh

Umhla wokuqalisa ukuthenga rhoqo umbane

Umhla wokugqibela wokuthenga rhoqo umbane

5. INGXELO

Mna / Thina senza isicelo sokuthenga iziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo ngomlinganiselo womrhumo olawulayo. Mna/Thina siyaqinisekisa yaye ngaphezulu sivuma ukuthobela izibonelelo zeziGqibo nemiQathango yeNtengiso eqhotyoshelweyo yeSixeko saseKapa - iziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo.

Igama uTyikityo

Umhla

Utyikityo olugunyazisiweyo uTyikityo

Umhla

egameni koMlawuli:liNkonzo zoMbane

Igama uTyikityo

ZAPHELA:

1. Iinombolo zeNkonzo kaMasipala kunye neze-Akhawunti yesiQinisekiso soMbane ongenabungozi kokusingqongileyo zahluke ngokucacileyo yaye ii-invoyisi ezahlukeneyo ziya kukhutshwa ezilungiselelwe ezi akhawunti zahlukeneyo.

ISIXEKO SASEKAPA IZIQIBO NEMIQATHANGO YENTENGISO – IZIQINISEKISO ZOMBANE ONGENABUNGOZI KOKUSINGQONGILEYO

Intengiso yeziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo siSixeko saseKapa iyakuxhomekeka kwezi zigqibo nemiqathango elandelayo:

1. Iimpawu zobuluhlaza
Ngenxa yokungabikho kwemigangatho yesizwe eyamkelekileyo elungiselelwe umbane ohlaziyiweyo olungiselelwe uMzantsi Afrika, iSixeko siya kusebenzisa iinzame ezifanelekileyo ukuqinisekisa ngento yokuba umbane ohlaziyiweyo omelwe ziziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo uya kuhambelana nemigaqo yehlabathi.
2. Ukugcinwa kwelungelo lokuthengisa iziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo
Ngenxa yominyo kubungakanani beziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo eziya kuthi zibe ziyafumaneka ukulungiselela intengiso, iSixeko saseKapa sinelungelo lokunika ingqwalasela kwizicelo zokuthenga iziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo ngokwenza isicelo kuqala ngokunika ikhethe kwabo benzi bezicelo bathenga umthamo omkhulu weziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo; nakubafaki-siccelo abahlala ngaphakathi kwemida kamasipala. Abathengi abanokubakho ababamba iSixeko saseKapa nasiphi na isixa-mali esingahlawulwanga seRhafu okanye seeNkonzo zikaMasipala abayi kwamkeleka kwiiNkonzo zokuThenga uMbane ongenabungozi kokusingqongileyo.
3. Umonakalo olandelayo
Kwimeko apho iSixeko saseKapa sithe asabinakho ukubonelela ngeziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo nangaso nasiphi na isizathu asiyikuthwala naluphi na uxanduva nokokuba lolwaluphi na uhlobo lomonakalo othe ngqo nongathanga ngqo ovele ngokungabonelelwa kweziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo.
4. Umhla wobonelelo ocingelwayo weziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo
IziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo ziya kucingelwa ukuba zinikezelwe kumthengi xa kuthe kwakhutshwa irhisithi yentlawulo ebhaliweyo siSixeko saseKapa elungiselelwe iziqinisekiso.
5. Imbuyekezo
IziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo ezithe zathengwa zaze zahlawulelwa azisayi kubuyekwezwa naphantsi kwazo naziphi na iimeko
6. Akanakho ukutshintshwa
De iNkqubo yoRhwebo yeziQinisekiso zoMbane (TREC) isekwe ze yamkelwe siSixeko saseKapa elungiselelwe iziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo weDarling Wind Farm, amalungelo kwizibonelelo ezinxulunyaniswa nokuthengwa kweziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo aya kuba selungelelweni yaye aphelela kuphela kumthengi yaye akasayi naphantsi kwaziphi na iimeko abe nokutshintshwa okanye akhutshelwe komnye umntu.
7. Ukucinywa kombane
Ukuthengwa kweziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo akuyi kuthoba ingozi okanye akuyi kumkhulula umthengi ekubeni afumane ukucinywa kombane okanye afumane ukulahlekelwa lubonelelo lombane nangasiphi na isizathu.
8. Ubungqina bokuthenga
Abathengi beziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo baya kunikezwa siSixeko saseKapa "ngeNgxelo yokuThenga isiQinisekiso soMbane ongenabungozi kokusingqongileyo" esinika inkcazelo ngesixa-mali seziQinisekiso zoMbane ongenabungozi kokusingqongileyo ezithengiweyo ngumthengi.
9. Imiqathango yeNtlawulo
Imiqathango emibini yemigangatho yentlawulo elandelayo yeSixeko saseKapa iyagxininiswa:
 - a. Umrhumo wolawulo uya kuhlawulwa ngeetsheki ezibuyisiweyo yibhanka.
 - b. Iintlawulo zemirhumo yebhanka kwizixa-mali zentlawulo engaphezulu kwama- R5 000 ezenziwe ngamakhadi etyala/ oboleko-mali ziyakuthi zitsalwe kwi-akhawunti yomthengi ngexesha lentlawulo, kwaye emva koko zibekwi-invoysisi.